




# kunzima kakhulu

IsiXhosa



# kunzima kakhulu

Ibhalwe nguMmapadi Mametja  
Izotywe nguMoses Dhladhla



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi

Kunzima kakhulu kwezi ntsuku ngenxa  
yentsholongwane egquggise ilizwe lonke.  
Sisoloko sinxibe iindidi ezahlukileyo zezifonyo.  
Ezinye zibomvu, ezinye zingwezu, zikho kanti  
nezimnyama.



A colorful illustration shows a group of children in a park-like setting. In the foreground, a boy in a white shirt and dark shorts stands next to a yellow water pump. A girl in a blue dress and red mask is jumping over his legs. Another boy in a white shirt and dark shorts is crouching near the pump. In the background, other children are playing, and a woman in a blue uniform and mask is standing with her hand raised. A speech bubble from the top left contains the lyrics.

Min'emnandi kuwe,  
min'emnandi kuwe,  
min'emnandi kuwe.

Xa sidibana asazani kuba ubuso bethu bufihlwe zezi zifonyo. Umama ebekhalaza esithi kunzima kuye ukuthetha xa enxibe isifonyo. Ngenene ngamaxesha anzima la.

Besiqhele ukuzihlamba izandla xa siza kutya naxa siphuma kwindlu yangasese kodwa ngoku ngenxa yale ntsholongwane sihlamba izandla qho imizuzwana engamashumi amabini. Ukuze ukwazi ukubala imizuzwana engamashumi amabini usenokucula le ngoma: “Min’emnandi kuwe, min’emnandi kuwe, min’emnandi kuwe, min’emnandi kuwe.” Kufuneka ube uwavulile amanzi xa uhlamba izandla zakho; elo xesha indlela anqabe ngayo amanzi, iyaxaka le meko. Ngenene ngamaxesha anzima la.


NgoMgqibelo besiye evenkileni nomama. Sidibene nommelwane wethu. Uye wavuya kakhulu xa ebona umama waze wazama ukumbamba kodwa umama ukhawuleze wamdu dulela kude kuye ngathi ubona inyoka. Ummelwane uye waneentloni kakhulu, wayelibele ukuba ngenxa yale ntsholongwane akufunekanga abantu basondelelane.



La ngamaxeshha anzima ngenene. Uye wacela uxolo kumama. Umama naye uye weva kakubi kodwa ke ebengakwazi ukumyeka ambambe ummelwane wakhe. Umama ukholwelwa ekubeni ungayifumana le ntsholongwane nakubani na, ingangumhlobo wakho, umama wakho, ummelwane kanti nakubantu osebenza nabo.

Ummelwane wethu uswelekelwe ngumntakwabo omncinci. Umama akakwazi ukuya emngcwabeni okanye aye kubavelela eve ukuba kwenzeke ntoni. Imingcwabo kufuneka ibe nabantu abangedlulanga kumashumi amahlanu, nto leyo ethetha ukuba ngabantu abasondeleyo kuphela abanokubakho emngcwabeni. Umbhali uxhalabile, uxhalatyiswe yimeko ekuza kuphilwa ngayo emva kwale ntsholongwane. Ingaba emva kwayo sakuba nabo abahlolo nabamelwane, ingaba siza kukwazi ukukhathalelana? La ngamaxeshha anzima kakhulu.

Ummelwane wethu kwafuneka ukuba  
ehle esenyuka elungiselela umngcwabo  
womntakwabo. Yayilixesha lasebusika  
kubanda. Waye waqalisa ukukhohlela.



Kwavakala amarhe okuba unentsholongwane; woyika ze wagqiba ekubeni ahlale endlwini iiintsuku ezilishumi elinesine. Abantwana bakhe nabo babengavumelekanga ukuba baphume endlwini. Asizange sikhazi ukumsela ukutya namanzi ummelwane kuba nathi sasisoyika ukosuleleka. Ngenene, ngenene, la ngamaxeshha anzima.

Abantu belali babesoyika nokudlula ngakwammelwana. Abantwana babexelelwa ngabazali babo ukuba bangadlali kufuphi nendlu kammelwane. Inqununu yafumana ileta eyayingabhalwanga ukuba isuka kubani. Le leta yayimxelela ukuba xa evumela abantwana bakammelwane ukuba babuyelesikolweni, baza kubathatha ababo abantwana babathumele kwezinye izikolo.


Kwaye kwafuneka ukuba inqununu ibize unontlalo-ntle aze kuthetha nootitshala, nabazali kunye nabafundi ngokungalungi kokuhlekisa ngabantu abosuleleke yile ntsholongwane. Unontlalo-ntle wathi njengokuba ilixesha lasebusika nje, abantu abaninzi baza kukhohlela kwaye ke nokuba



abantu bosulelekile kufuneka sibaxhase  
sibanike uthando ukuze bomelele baphile kwesi  
sifo. Wababuza ukuba ingaba bona baqinisekile  
na ukuba abanayo le ntsholongwane  
futhi ngoobani kubo abavavanyiweyo kule  
ntsholongwane? Wonke umntu wayethe cwaka  
ngethuba behamba esikolweni. Ngenene,  
ngene, la ngamaxesha anzima.

Emva kwentsuku ezilishumi elinesine,  
ummelwane wethu nosapho lwakhe  
bavavanyelwa iCOVID. Baxeletwa ukuba  
abanayo tu intsholongwane, ukuba  
bayakhohlela bakhohlela kuba ilixesha  
lasebusika. Emva kwezi ndaba, abantu badana  
bafuna ukucela uxolo, kodwa ummelwane  
wasuka wayenza into yokudlala le nto;  
wayesithi: “Bendiseholideyini ecaleni kolwandle.”  
Abantwana bakhe bona babengashiyekanga  
kwizifundo zabo kuba umama wabo  
wayebafundisa ngeli xesha behleli ekhaya.

Ngexesha behleli ekhaya, umama  
wasebumelwaneni waye waphanda  
ngokufundiswa kwabantwana ekhaya.  
Wagqiba ekubeni aqequeshe abazali  
kwindawo ahlala kuyo malunga nendlela  
yokufundisela abantwana babo emakhaya.




Wayeqeqesha abazali abalishumi elinesihlanu ngeseshoni nganye kuba wayelandela imigaqo yentsholongwane emalunga nokubhekelelana kwabantu. Ngenene, ngenene, la ngamaxesha anzima.

Abantu bathabatheka yinto eyayisenziwa ngummelwane wabo eyenzela abahlali, nangona iqela elithile labazali lalisamoyika ummelwane ngenxa yentsholongwane.

Wayekhathazekile kodwa ke ngenxa yombono awayenawo akazange ayeke ukuqequesha abantu ababefuna ukuphulaphula.

Babonwabile abazali kukuqequesha kuba batsho bakwazi ukufundisa abantwana babo emakhaya.

Abazali bagqiba ekubeni bathethe nomphathi wesikhululo sasekuhlaleni sikanomathotholo ukuze anike ummelwane ithuba lokuthetha. Umphathi wagqiba ekubeni amnike ithuba ngooLwezihlalu ngentsimbi yesibini emva kwemini.



Igama lenkqubo yayiyisithi, “Ngenene, ngenene, kunzima”. Ummelwane wayiqalisa inkqubo yakhe ngokuchaza ukuba yintoni emkhuthazileyo ukuba aqalise uphando malunga nokufundiswa kwabantwana emakhaya.

Ngoku, idumile kwaye iyathandwa le nkqubo kammelwane, waye wanikwa elinye ixesha ngorhatya ngentsimbi yesithandathu. Wade waqeshwa ngokusisigxina sesi sitishi sikanomathotholo. Igama lakhe elitsha aziwa ngalo ngoku ngumama: “kunzima”, akasaziwa njengomama onentsholongwane ngoku. Izinto zitshintshile, ummelwane wethu ligorha.


Emva kwemini, unyana kammelwane naye ufundisa abafundi beBanga le-12. Eli qela lakhe lifunda izifundo zenzululwazi. Uye wazithandela ukuba abancede kwiindawo abasokolayo kuzo qho emva kwemini; abahlali bathi ngu "Mnu. Nzululwazi".



Usoloko ebakhumbuza ukuba ukuhlala  
bucala nosapho lwakhe kumenze wasisilumko.  
Ngexesha behleli bucala umama wakhe  
uye waqhubeka wabafundisa ebakhuthaza  
ukuba baphande ngokufundiswa  
kwabantwana besemakhaya futhi baphande  
nangezinye izifundo.

Unyana kammelwane waye waxelela  
iqela ukuba isifundo asifunde ngexesha  
behleli bucala kukuba xa kunzima kakhulu,  
kufuneka umilisele ingqondo yakho kumbozo  
onawo, kufuneka uyeke ukuthetha ngezinto  
ezikhathazayo kuba zichaphazela ulonwabo  
lwakho. Xa ubona ngathi ezo ngcinga  
zingendawo zicula ingoma yakho emnandi,  
loo nto iza kwenza ukuba ezo ngcinga zimbi  
zinyamalale zehlukana nawe.

Ummelwane wethu wandixeleta ukuba  
ndamcaphukisa kuba andizange ndikwazi  
ukumela usapho lwakhe xa lwaluhletywa  
ngabantu.



Wayekhathazekile kuba ndabaxeleta abantu ukuba ndonwabile kwaye ndala nokumbulisa ngethuba sidibana evenkileni kuba wayeza kundosulela ngesifo. Waqhuba wandixeleta ukuba kwakukhangeleka ngathi ndandivuya kukungambambi kuba ndandikholelwa ukuba unesifo. Ummelwane waphinda wagxininisa ukuba kubi ukungcatshwa ngumntu okwazi ebuntwaneni bakho kwaye le yinto ekunzima ukuyikholelwa.

Nam ndandikhathazekile kuba nyhani emva kweentsuku ezilishumi elinesine, ndandisoyika ukummtyelela, ndandingafuni kwa ukusondela kuye. Unyanisile, sakhula kunye oku koodade yiyo le nto bekunzima kuye ukundixolela de wacengwa ngabantwana bakhe ukuba athethe nam sisombulule le ngxaki siqhubeke siphile njengoodade kwakhona. Wayenza into ewayeyicetyiswe ngunyana wakhe, nam ke ndamcenga ukuba andixolele.

Ukuhlala kude nabantu ngenxa  
yentsholongwane yinto embi kodwa ke  
ummelwane wam walisebenzisa elo thuba  
ekuzifundiseni nasekufundiseni unyana wakhe.  
Namhlanje bangamagorha ethu, wonke umntu  
elalilini uthetha kakuhle ngabo.



Basoloko befumana amazwi amnandi ebantwini. Emva kokuva into eyayisenziwa ngummelwane wethu kwisikhululo sikanomathotholo, urhulumente wamxhasa ngemali ukuze aziqalele iqumrhu elingajonganga nzuzo, afundise abantu ngentsholongwane nangendlela yokunyanga abantu abosulelekileyo.

Inkqubo kammelwane yaziwa kwilizwe lonke ngoku. Waye waphumelela imbasa yokuba ngumama wonyaka. Wayesixeleta ukuba ufunu ukuyisebenzisa loo mali ekwakheni indawo yemidlalo apha abantwana belali banokudlala ibhola ekhatywayo nezinye iindidi zemidlalo. Ucinga nokuba ameme iimbalasane zomdlalo webhola ekhatywayo zize kukhuthaza abantwana abafuna ukwandisa izifundo zabo kwibhola ekhatywayo.

Ummelwane waye wayokucela isiqwengana  
somhlaba kwinkosi. Inkosi yethu  
yamangaliseka kukuthobeka kukammelwane  
Inkosi yathatheka yacinga indlela yokupuhlisa  
abantu abaye bambukula ngexesha lobunzima.




Inkosi yathi yakuva ukuba ummelwane usulelekile yintsholongwane, yayalela oonogada bayo ukuba bamthathe bamsuse elalini phambi kokuba asulele wonke umntu. Inkosikazi yenkosi yacenga yancama isithi inkosi mayiyeke abantu bahlale kuba le ntsholongwane ifana nomkhuhlane kwaye olu sapho luza kuphila. Ngoku laa mntu waye wamphatha kakubi uthetha naye ngokuzithoba nangentloniph.

Inkosi yamcela ummelwane nosapho lwakhe ukuba bamxolele. Wamnika amanxiwa amabini. Wavuya kakhulu ummelwane kodwa into eyaba sisimanga kukuba emva kokunikezelwa komhlaba akazange ayibulele inkosi, wasuka wabulela inkosikazi yayo. Wonke umntu wayezibuza ukuba ingaba mhlawumbi weva na ukuba inkosi yacengwa yinkosikazi ukuba bangagxothwa elalini. Lo ke isenguqash'qash.

Iqlalile iprojekhthi, abantu bayaphangela,  
abantwana bonwabile kuba kaloku abazali  
bayaphangela. Babathengela ukutya nelekese.

Imisebenzi yabo yayahlukile ngokwezakhono  
zabo. Abanye babebekwa iipali zokufaka  
amanqaku, abanye beyila imizila yokubaleka,  
abanye besakha iindonga ezibiyela amabala.



Kuxakekiwe, abantu bafumana imivuzo.  
Luvuyo lodwa elalini. Siyabulela kummelwane  
ngentliziyo yakhe entle.

Njengokuba iqhuba iprojekhthi, elinye igumbi  
lanikwa unyana kammelwane. Uza kufundisa  
abantwana izakhono zokufunda. Oku ke  
kuzokwenziwa ngeMigqibelo nangeeCawa.  
Unyana lo ukwafuna ukuba abahlali babe  
ndibano zokufunda.

Wayesele eyiyilile eyokuqala ezama  
ukukhuthaza ootitshala bakhe ukuba  
baqale eyabo nabo. Ziyenzeka izinto ngoku,  
abahlali bancokola ngokufunda abancokoli  
ngentsholongwane.

Ukuvulwa kweprojekhthi yaba sisiganeko esikhulu. Kwamenywa usapho lwenkosi, iinkosi ezisuka kwiilali ezikufuphi nabahlali. Usotheko, ummelwane wam naye wayekhona. Ukutya kwakukuninzi. Inkosi yathetha yaze yabulela ngokukhethekileyo ummelwane.



Yamcela ukuba eme ngeenyawo khonukuze wonke umntu abone lo mama wenze ukuba kubekho le mini. Ngoku ke yayilixesha lokuba inkosikazi yenkosi ichaze igama lale ndawo yezemidlalo.

Yathi inkosikazi yenkosi isachaza ukuba indawo yezemidlalo iza kuthiywa ngenkosi, yangenelela inkosi yathi yona ayivumelani nalo mbono. Yaxolisa ngokukhaba loo mbono yaze yacebisa ukuba le ndawo ithiywe ngegama lenkqubo kammelwane ayiqhuba kwisitishi sikanomathotholo sasekuhlaleni. Indawo yemidlalo yabizwa ngokuba yi “Kunzima”. Baqhwaba abantu labe lifikelela esiphelweni itheko.

# **IMIBULELO KWABA**

**Ibhalwe ngu**

Mmapadi Mametja

**Izotywe ngu**

Moses Dhladhla

**Umhleli woku-1**

Pandelani Claudine Rambau

**Umhleli wesi-2**

Isabel Seakamela

**Umhleli wesi-3**

Irene Masemola

**Umhleli**

PixelPing Design

**Iguqulelwe esiXhoseni ngu**

Nontsikelelo Ntusikazi

**Oqinisekise ukulunga kwebali ngu**

Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00790-9



basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA



LET'S GET SOUTH AFRICA READING

